



IBHULA LEGUSA

Imibuzo esoloko ibuzwa (FAQs)

1. Yintoni ibhula legusha?

Ibhula legusha (nelaziwa njenge "brandsiekte" ngesibhulu) sisifo esibangelwa ngamangolwane "Psoroptes ovis mites" amaninzi ezigusheni. Amangolwane adla isikhumba segusha ze oko kubangele ukurhawuzela, ukuzonwaya, amanxeba alala ikhoko kune nokonakala koboya.



2. Kutheni luyinto ebalulekileyo?

Iigusha ezigcwele ngamangolwane zigula ngokurhawuzelewa kakhulu ze zichithe ixesha elininzi ekuzonwayeni endaweni yokutya okanye ukuzala. Oku kwenza ukuba igusha ihle emgangathweni, buwe uboya bayo ze umfama alahlekelwe yingeniso. Ukuba maninzi kwavo kakhulu kungade kukhokelele nasekubenii iigusha zide zife. Ibhula legusha lisasazeka lula kakhulu phakathi kwemihlambi yaye ukulinyanga kudla imali eninzi kakhulu, loo nto ithetha ukuba kubalulekile ukuba kuthintelwe ukuqhambuka kwalo ukuze kungabisenzeka.



3. Ingaba iigusha zilifumana njani ibhula?

Amangolwane afumaneka kuyo yonk'indawo phakathi kweegusha xa umhlambi uhlanganisiwe okanye xa usemadlelweni, kwizithuthi okanye xa zivalelwne nezinye iigusha zomnye umhlambi. Amangolwane ayakwazi ukuwa egusheni ze abantu bawase (bengaqondanga) kweminye imihlambi, xa ethe ncaa kwizixhobo zokusebenza okanye kwizithuthi.



4. Ndingalithintela njani ibhula legusha?

Hlola/xilonga zonke iigusha ukhangela iiimpawu zebhula phambi kokuba uzithenge. Ezinye iigusha zinganawo amangolwane noko kungekho zimpawu zabhula, ke nceda uzibekele bucala, zise edipini okanye unyange zonke iigusha ezifikayo kabini kwiintsuku ezisi 7-10 phambi kokuba uzihlanganise kumhlambi wakho. Kulumkele ukubolekisa ngezixhobo zokusebenza, ngezithuthi kwa nokubolekisa ngabasebenzi kwezinye iifama ezifuye iigusha. Nika abasebenzi iimpahla ezicocekileyo zokusebenza ze ucoce iintsholongwane kuzo zonke izixhobo zokusebenza ezivela kwenye ifama yeegusha.

5. Kufuneka ndenze ntoni xa ndibona iiimpawu zebhula ezigusheni?

Ngokomthetho, kumelwe ukuxelwa kwayo nayiphi na imeko ebangela ukurhawuzela,

